# Isimbonono Saba Zali ! !

## Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto

Halahoyi ! Lusapo nalo ke ivumba
Linukisa okwenyoka yomlambo
Lusatshana ! Sisamelwe kukutyalwa
Kukulinywa de kuvele ubuhlanga.

Bekindlebe! Wena Ntombi nawe Nyana
Abazali bamangel' u akunani
Behlelinje badeliwe bengabondli
Ndihlelinje ndingodane Sendiyinto

Nakhumeka ! Yeha ke bazali
Njengodonga lusandul' ukuneta
Ndingatyelwa ngamafuta nemb'ola
Lundongamele inosizi nobuciko.

Bekindlebe! Wena Ntombi nawe Nyana
Abazali bamangel' u akunani
Faniselana iyinja isidenge
Umniniyo imenzela ububele.

Bapi wena abako abazali ?
Namhlanje usisicicibala
Abazali baludaka ekoyini
Yiba nentloni noko ke B'edidlaba

Zizungu nobubi kubazali betu
Kushiywa lusapo lumka bekangele
Beyala belila bengenakuviwa
Zintombi zemfundo nonyana bemfundo
Ha-la-la !
Namhlanje sizizicicibala.
Bedlakazela kodwa abasondlayo
Nengonyama eliramncwa iyamvuza
Owake wayenzela ububele.

Ngawubeke amehlo ngasemva
Wabangcwabana ? Abazali behleli ?
Ngapandle kwabazali akuko Tixo
Zilahle kwane Bhaibhile uzitshise.

Ngawukangele xa bengasenamandla
Ngawukangele kungeko nok' amanzi
Ngawukangele kungeko nazinkuni
Ngawukangele belala bengatyanga
Camagu ! Bo ! !
Zilahle kwane Bhaibhile uzitshise
Abazali akufeketwa ngabo
Ngenxa yabo sakutshata siqaula
Ngenxa yabo solobola siketa

Umzali ngumbhola ise Zulwini
Umngxolisi we Zulu lidudumа
Ukonwaba kwake kwakukungenisa
Ezweni leminquma yemikiwane
Camagu !
Ezweni elimanzi anzonzobila
Ezweni lengqolowa nediliya
Yatsho ! ! Flamingo ka Vaaiboom
Ebiyelwa ngocingo ipume ngokusela
Woduve ! !

Umteteli wa Bantu
(Johannesburg)
March 29th, 1924.